



Ingonyama nempuku



ISIXHOSA

VulaBula

Igama elitsha amabaliqhele (ukuqwalasela kwakhona) yatsho

Amagama amatsha amabawaqhele

u Titshalakazi

xhakamfu

emva

incwadi

Izandi (ukuqwalasela kwakhona)

bh, ch, gq, hl, kh, kw, mb, mp, nc, nd, ng, nj, nt, ny, nz, ph, th, ts, ty

Izandi

kr (kukrutha-kruthana, ikruqukile, yakrikriza, ikroba, yakrukra, ekrele-krele)

nW (uNwaka, uLonwabo, kuLonwabo, izonwaya, yadinwa, lanwenwa, yanwabuluka, yayonwabile)



Uthotho lweencwadana zebanga loMgangatho osisiSeko

Ipapashwe 2013 ngabakwa-Molteno Institute for Language and Literacy
Zisekwe kwimvelo yothotho lweencwadana exhaswe yi-Zenex Foundation



***** Ingonyama nempuku

- Umhleli wothotho: **Jenny Katz**
- Abaqambi bamabali: **Jenny Katz noMirna Lawrence**
- Umsebenzi: **Jenny Katz**
- Incutshe kulwimi isiXhosa: **Nolitha Bikitsha**
- Umzekelisi: **Vusi Malindi** (uqweqwhe namaphepha 2, 3, 8)
noMarleen Visser (amaphepha 4, 5, 6, 7)
- Uyilo nongqaleko: **Resolution**



Creative Commons Attribution-
NonCommercial-NoDerivatives (CC
BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute the Molteno Institute for Language and Literacy, but you may not change this work in any way or use it commercially.

Ingonyama nempuku






Ngenye imini, uTitshalakazi uNwaka
wabona uLonwabo elila ebeleni.
'UZuko noFuzile bayanditsala-tsala.
Bathi ndimncinci okwempuku,'
waxela efixiza uLonwabo.

UTitshalakazi uNwaka wayefuna kuphele
oku kukrutha-kruthana. Wacinga icebo.



Ngemini elandelayo, uTitshalakazi uNwaka
wabafundela ibali abafundi.

Ingonyama nempuku



Ingonyama yayilele emthunzini iphumlile.
Impuku ethile yayimana ibaleka phezu kobuso
bengonyama. Ingonyama yamana izonwaya,
yade ikruqukile, yavuka yayibamba xhakamfu!

‘Nceda, sukunditya! Ndakukunceda nam
ngenye imini,’ yacenga impuku.

Ingonyama yakrikiriza, ‘Ipikinini enjengawe!
Ungenzela bani ntoni? Suka, umncinci
kakade, uyandihlekisa nokundihlekisa!’
yatsho ingonyama iyikhulula impuku.




Akukudalanga emva koko, abazingeli
babhabhisa ingonyama.

Yafuna ikroba izama ukuphoncuka kuloo
mgibe ingonyama. Yadinwa yanikezela
igqume yagquma ngumsindo nakukoyika.



Impuku yeva ingonyama igquma.
Yaya kuqonda yayibona emgiben.

Yakhumbula isithembiso sayo yaqala
yakrukra iintambo. Yakrukra yakrukrutha
landa lanwenwa ikroba ... yanwabuluka
ingonyama yathubeleza yaphuma.



Yayonwabile ingonyama. Yayibulela
impuku isithi, 'Uyipikinini ekrele-krele.
Ubusindisile ubomi bam! Impukwana
encinane efana nawe!'

Wayivala incwadi uTitshalakazi uNwaka.
Wachaza umyalezo webali wathi,
'Ebomini, ungazideli izinto ezincinane!'



UZuko noFuzile bacela uxolo kuLonwabo bathi, 'Ibalu lisifundisile. Asoze siphinde sihlekise ngawe kwakhona.'

Umsebenzi

Sesiphi isivakalisi esihambelana nomfanekiso?

1.



- A Ingonyama yabamba impuku.
- B Impuku yabamba ingonyama.
- C Ingonyama yatya impuku.

2.




- A Ingonyama yayikhululekile.
- B Ingonyama yayonwabile.
- C Ingonyama yayibhajisiwe.

3.



- A Impuku zange iyincede ingonyama.
- B Impuku yayinceda ingonyama.
- C Ingonyama yayinceda impuku.

4.



- A Ingonyama yayihleka impuku.
- B Impuku yayiyoyika ingonyama.
- C Ingonyama yayibulela impuku.

I-Vula Bula yinkqubo eyodwa kuba iveliswe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kananjalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.



INQANABA loku- ★ (8)

Hayi!
Vula vala
Baleka!
Lala
Bala
Coca
Zoba usike
Mamela

INQANABA lesi- ★★ (7)

Jika
Utata usele nosana
Umnikelo
Lelikabani eli vili?
Uhambo
Sebeza
Ekhaya

INQANABA lesi- ★★★ (6)

Ncedani!
Yophukile ifestile
Uphi uZinzi?
Sityiwe isonka
Sidlala undize
Izinyo

INQANABA lesi- ★★★★ (5)

Evenkileni yempahla
Umnqathe omkhulukazi
Ibali lobugqi
Gcinela ingomso
Isuphu yelitye

INQANABA lesi- ★★★★★ (6)

Idabi lomoya nelanga
Umvundlanofudo
Ingonyama nempuku
Ukubhaka nomakhulu
Edolophini
UMzantsi Afrika ngowethu

Iincwadana zebanga zibonelela ngamathuba amaninzi okuqhelanisa amaqela, okhokelwayo, isibini nozimeleyo ukufunda ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo wesandi/ ubugcisa bokwazi ukubiza ufunde igama ngokubona into. Izivakalisi ezakhwiwe lula nacacileyo nesigama esiqhelekileyo zenza inkqubela nokufunda kukhawuleze. Imizekeliso enomtsalane, ecacileyo nenenkcazo epheleleyo yenza kube lula ukuqonda.

ISIXHOSA